

PASCOE, (UFOLOKOCO)

Uke wayibonana IMPAHLA YAKE YOMTSHATO?

Ibhulukwe (ezisikiweyo), Ibhathyi (eziyi Salvation zona), Ibhathyi (ozimfutshane)Nondulubhathyi.

Ingubo Zabafundisi, Isuti zenziwa njengomyalelo, Imisesane Yomtshato neyo Ngeji (intlobo ngentlobo), Ibhutsi ne Shuzi (ezikalayo nezingakaliyo).

IMPAHLA YAMANENEKAZI YOMTSHATO

Ilokwe Zomtshato zenziwa kakuhle yi Dresmeka ye Ngesikazi. Odola Ilokwe yako ngexesha le Bhulakufesi uya kugoduka nayo uyipete ukutshona kwelanga.

Imela Nefolokwe, ne Mphahla Yokupeka Ishipu Ngokungummangaliso.

Ningalibali ukuya apo niya kumbona kona ngokwako (Saluf) e

QONCE, EMONTI nase CALA, U-FOLOKOCO.

BON MARCHE

JOHN W, BAYES & CO., GRAHAMSTOWN.

IFANDESI LEMPAHLA KUMASEBE ONKE.

I Blanket zamabala ziqalca kwi 1s. 7 ½ d., Amabhayi abubanzi bupindiweyo II ½ d., Imiqulu Eqaqambileyo yokwenza ilokwe iqalela kwi nge yadi, I Tweed zizaqambileyo zelokwe ziqalela kwi 3 ½ d. nge yadi, I Flannelles 2 ½ d. nge yadi, Ezona zilungileyo I Printi zama Jamani nama Bhulu 6 ½ d. nge yadi. Iyali zoboya ezona Fishini zintsha ziqalela kwi 3s. knde kube nga 30s. inye, I Quilts zamabala ziqala 1s. 11 ½ d., I Quilts ezimhlope ziqala 2s. 11d., Amakulu amahlanu e "knitted skirts" 1s. 2d. inye.


Zonke impahla zibhalwe ngamanani acacileyo. Akko nkholiso. *Kwiese le lokwe (Drapery)* ngexesha le Fandesi i s. ebfidula isapulwa nge xabiso le ponti iyakuyekwa.

Isebe Lezinixibo lakwa BON MARCHE :

400 ibhulukwe zamadoda (Bedford Cord) ziqala kwi 4s. 11d. inye, I Suti zamadoda zeTweed 21s. inye, I Felt Hats ezimapiko abanzi 2s. umnye, Ibhathyi zamadoda ze Tweed ziqala kwi 6s., I Bhulukwe ze Tweed 3s. 6d.


QONDISISANI KAKUHLE—Wonko ubani otenge izinxibo zoxabiso eliyi ponti (£1) uyakwapulelwa isheloni ezi ntatu (3s.).

JOHN W. BAYES & CO BON MARCHE, GRAHAMSTOWN, E-RINI.



I-PRINTI. 'EZINTSHA

3d., 4d., 5d., 6d., 7 ½ d., 9d.



GIBBERD & BRYANT KING WILLIAMS TOWN.

Ku BASEBENZI ABA NTSUNDU.

KUFUNWA kwangoku, 2,000, amadoda Antsundu ukuya kusebenza kwele Goli e Transvaal.

Kubhekiswa ko

HADNOTT & CO. (Maggadaza), Queenstown. [3811

ISAZISO SE BHODI

(YAMANGCWA)

KWIXA elizayo, kuye wonke ongcwaba tywa kwicala la Bantsundu e Hala, kuya kubijwa nrumo we 2/6 ngomntu oselekulile, ne 1/6 ngomntwana; lemali yobuyisekwa lakugqitywa idaka ngokuya kuti kwaneliae Umpati, ukuba akaneliswanga woyigona. Abantsundu bayakntwaka ukuba batenge iziziba zomhlaba, ukuze icala elingokosyete nziwisa iioandwe bovunyelwa ukuba bazifumane nge ponti (£1) endaweni ye £3 ebizwa ku ma Ngesi, ne 10/ yokungcwaba, ne 2/6 ye taitile, iyonke: £1 12.6. Ungcwaio kumbula okululekileyo kwisiqendu esicandiweyo kobizwa i 10/, nelungelo lokumisa amatye nge 5/ ne 15/. Kwezindawo zokugqibela wonke umsebenzi uya kugqitywa yi Bhodi. Ngomntu,

H. J. BATTS,

Unobhala.

KULAHLEKE OR KUBIWE

NDIBELWE amahashe amabini: inkabi emfusa or emtuqwa, enekolo enkulu, namanqina amhlope ngase kunene elipambili nelisemva; elinye yinkabi efesi, empetnwa, emanqina amhlope asemva, isingqi netshoba zimhlope, linomtshiso ngase kunene u (E). DAVID MZIMBA.

Main, 19 October 1893.

IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION) OCTOBER 25, 1893.

IMVO ZABANTSUNDU.

NGOLWESI-TATU, OCT. 25, 1893.

Iveki

ZINTSHA zonke izinto e Natal—i Ruluneli, i Palamente ne Bishop.

ISOLOKO iyimvula, invula invula kweli, inqumke kusasa izolo.

I PALAMENTE yokuqala yase Natal ivulwe ngOlwesi-Ne olugqitileyo.

UMBANJWA obeqweshe emantla e Komani ku Bonkolo, ubuye wanqakulwa.

U JOHN BROWN (igwangqa) owabulala umntwana, ugqwetwe ukuxonywa e Kapa.

I BISHOP yase Kapa iyakutyela e Ngilane kwinyanga ezayo, okwenyanga ezilifotaba.

ULUNGU ongu Shepperdweyele elwandle e Monti xa ebequba nge Sabata egqitileyo.

UKUZISA kolwesi-Bini lwegqitileyo bebemashumi mane abantu abatsha abahlive yingqakaqa e Rautini.

U MR. JUSTICE MAASDORP walatwele ukuteta amatyala ngolwesi-Tatu lweveki ezayo November 1 e Kokstad.

IZITALI, ihashe nehabile zika Mr. J. A. Chubb e Komani zishiswe ngumilwana ngolwesi-Tatu lweveki epelileyo.

AMABHANTINTI amatatu aqweshe entolongweni yase Komani ebusuku ngo Mvulo wepelifeyo; akakafunyanwa.

UMTSHITI (induna ka Lobengula) unduluke e Mafikeng ngolwesi-Hlanu olugqitileyo ukubuyela kwelama Ndebele.

NGOKUBHOMELA intwazana ominyaka mine e Southernmoo kubanjwe isitsheshevu esimhlope esingu Dan Levo e Monti.

KWANGONYEZI ngo Mgqibelo ongapaya umlilo utshabalalise izindlu ezintatu kmzana oyi Jeppetown e Rautini. Idemetshe £3000.

I NETEVI ezimbini ebezanzakele kwi ngozi aya yokubukuka kololiwana wakwa Mgbisa e Kimbili, zibube ngeveki egqitileyo.

ABANTU bayaqashulwa ngeziveki ukukusela ukungaqeneki kwa Buluneli, ukudawana ite yambi kukuba beqatshulelwa pantsi kwe pulpit.

KUVAKALA ukuba inkumbi ziyanyakazela kumandla wase Cradock. Amatole abeke abanakala ngase Qonce uti umntu atyiwe zintaka.

UMBANE uzicim zonke izibane xa bekuqutywa inkonzo yokungcwabisa i Masonic Lodge entsha e Johannesburg ngokuhlwa ngo Mgqibelo ongapaya.

U KHAMA (inkosi ya Mangwato e Bechuana)lode ukupe ama 2000 empi yake kunye naye ukuya kuncedisa abamhlope kulemfazwe yakwa Mzilikazi. Yimiqodi imikosi ukwenjenjeya.

U HON. MR. SAUER, M.L.A. uyakuke ahambele e Alvani ngeveki yokuqala kwinyanga ezayo (November), uyakuba nenteto ayenza kubanyuli bake. Umhlambi angafikelela nase Dordreri.

UMZANA wase Vryburg ufikelele sisabengu soqite ngobusuku bolwesi-Tatu olugqitileyo. Lumke neyalanda nemifulelo yezindlu, lwawasonga ngokwe mpampali amazingi. Akufanga mntu.

INGOZI ebuhlungu ihle ngase Malmesbury ngolwesi-Tatu olugqitileyo. Ikari ebikwelo e Mr. no Mrs. Werth ingabene nenqelwe abajube pantsi kwayo yamnyatela wafa u Mrs. Werth, indoda yenzakala kakulu.

U MR. FROST NGOMHLABA

INENE elingu Mr. FROST linenteto eliyenze e Queenstown ngeveki epelileyo. Lenteto ayibanga yebaluleke nganto noko ifike yopela kumcimbi womhlaba wase Glen Grey. Kanti ke namayela nawo akukonto iyinyaniso angamisa inyawo kuyo ubani. Into asuke wayenza u MPATISWA ku-Lima kukusuke avakalise izimvo zake ngalomcimbi ekungavakaliyo nento ezisekwe kuyo. U Mr. FROST uqala ngokuti oko yayise Glen Grey i Komishoni, abantu baye beluwo lunye befuna itaitile, kodwa Abantunywa e Kapa oko ibihleli ukugqibela i Palamente babonise ukuba umzi ulufudusile uluvo lhwawo—awusengazo itaitile. Apo ikona yona inyaniso isekubeni uluvo lwabo aluququkile. Ngu Mr. FROST oswele ukuyiqonda into ekungayo. Abantu soloko, ngakunye betu, bezifuna iziqiniso emhlabeni; kodwa bafike bati mazibe nendawo ezizikuselayo. Ngxatsh-o-ke. Ukungavisisani kungena apo kanye. Umzi awazi ukuba lento isiqiniso emhlabeni ngesiko labelungu ayinako ukwenzelwa imigqaliso; ngapandle kokuba liguqulwe elisiko, nokuba yenziwe, ayititi nto. Yiyo lonto ke amanene angabahlobo anjengo Mr. R. SOLOMON atetelela i-Zatifikiti—nazo ibe zezomelele njenge taitile; inge zizo kodwa ezi abate aba-Temba abapeshya kwe Ndwe ngokuzeyisa isihlahla bazinika igama lika "Nosikakana." O Mr. SOLOMON bayazi ukuba, ukubapata ngesiko lase mlungwini abantu abase burwada njengabakowetu kulento yetaitile—bangenzelwa kukuselwa

—kukuba bulala. Yiyo ke lonto bafika batetelele amapepa ezinqiniso ukuba angeniswe esikweni. No Mr. FROST unalo naye inqaku lokukusela—sيتها eleminyaka emitatu enqanda ukutengisa kubelungu komhlaba wamawetu. Into angayiqondiyi kukuba elinqaku lake nalo liyivswelisa amandla itaitile, okanye alitenti etaitileni ngokwesiko lakowabo. Kekaloku into ekuzanywayona ngabahlono bomzikukuba kwenziwe inguqulo esikweni ngomteto we Palamente, ukuba kubeko into engekoyo ngoku itaitilezikuselayo baba bona ziko, kanti akuko nto injalo, ezikoyo zezingenanaku kwapela Siti tina umzi uluvo lunye. Ayifuneki nganto ke inteto enjengenziwe ngu Mr Frost yokuba awuvani umzi ose Xonxa uteta eyawo into wodwa, ose Cacadu uteta enye. Nguye ngokwake onentloko engena kuyibamba kakuhle inteto. Sesivuyiswa tina kukuba u Mr. RHODES, amncomayo no Mr. FROST ngobulumko obungapezu kobake, eyiqonda kakuhle yena into efunekayo. Singavuya lencazo ivisisiwo nangumzi ose Cala onyaba mhlambi awuwuqondanga umhlaba abemi kuwo o Mr. SAUER no Mr. SOLOMON xa baye bebonisa imfaneko yokuba u Col. GRIFFITH aroxise icebo lokuba banikwe itaitile ezikuselweyo Imbangi kukuba into enjalo ayikabiko emtetweni; ekoyo zezingakuselweyo, esaziyo ukuba awuzinabelnganto umzi. Sijonge kungoku ukuba zenziwe ngomteto.

UMDA WEBALA.

SIFUMENE ukumangaliswa ukuba ipepa eliyi *Herald* Use Bhai lifike, kwanti, lapakamisa umcimbi wokuhamba kwabantsundu ugctreni, ngendlela yokuba kudalwe iklassi ezimbini zabamhlope bodwa; abantsundu bonziwe umgwandi kwiliqibi esinye. Lendawo seyiko e Transvaal, apo umfo wasema Bhulwini anenqwelo Ezibalulelwe abamnyama ngegama le "Kleuringen," alike amnyanzele kona ontundu ngesixhanti engateni naludidi alulo ngendlela kakuzicokisa. Zimbalwa izinto ezizibulungu njengaleyo. Namhla i *Herald* iti mayingeniswe kule Koloni lonto; siyatamba ukuba ayisakunikelwa ndlebe nani, kuba ingeyiyo into elungileyo. Umga omawahlule abantu okwangoku kutanda intlabuluko nokungayitakali—abantu mabakululeke bahambe ngendidi zabo. Esiti ke bekungebe nani-nani ukuba kwitreni nganye kubeko inqwelo nokuba zimbi nangapezulu—enye neklasi zayo zombini nokuba zontatu yalatelwe abantsundu enye abamhlope kuba yona lento siyiqonda kakuhle ababaninzi abantsundu abatsheka kukunga bangangweleni-nye nabelungu, kangangokuba bebenaninzi abelungu abanga bangavalelwa nabamnyama. Kodwa kuyo yomibini lemihlambi abahlambulukileyo abakutandi ukwenziswa umngwandi ne ndlavini.

Impawana.

UDABA lokubube kuka UMPHANGA. Mr. Carl Philip Water-meyer e Madadielle luyakuviwa ngosizi ngumzi, wakuba ukuba umnumzanalowe ubengumhlobo wenene wabantu bakowetu, obengashixiswa nto ebulungiseni, oko wayenesihlalo e Palamente elilungu lase Namaqualand, ubehlala eba ngaku Mr. Saul Solomon.

UMANYANO

LWABASEBENZI E BHAI. UKUBENDULA isiroro (Jagersfontein) mayela nokungabonakali kwe ngxelo yentlanganisela ka September uo Many ano lwaba Sebenzi lwase Bai, singati ingxelo enjalo ibingangena njenge saziso apa epepeni njengengxelo ze Komponi zonke zabamhlope. Abantu abarorela ukungabo- Makali kwengxoxo kwi "Mvo" abase Jagersfontein nase Johannesburg ngebe bekisa ku Mr. G. A. Ross ongu Mbali wo Manyano.

UKUPAKANYISWA KUKA CANON, GIBSON

AMA Bandla ase Tshatshi alaulwa e Mtata ayakutonyalaliswa ku kuya ukuba u Rev. Canon Alan G. S. Gibson, M.A., wase Neblosi unikwe wamkela isitulo sokuba ngu Bishop oncedisayo wase Kapa. Intliziyo enye yokusebenzela u Krestu nokungazazeleli kuka Canon Gibson yaziwa ngabonke abamaziyo. Nesisihlalo sitsha asitandabuzi usamkele kuba ebona kulo ubulungisa obugqitileyo angabenzayo kuso. Simqwenenele lomhlobo wetu yonke impumelelo entle kumsebenzi embizela kuwo Inkosi yake.

OLUDIDI lwe ofisi zetu lulumene olwenzelele ABANTSUNDU. izwi kubambisi bendaba kwi *Telegraph* yase Bai. Egameni lawolo mhlambi siti unganginiwa nangomso *Telegraph*. Lomhlobo wetu uti;—Kuko iqala elinye labantu abakwi ofisi zemantyi ekubonakala ukuba bakolisa ngokuliyalwa ngu Rulumeni. Xana bonke abakonzela u Rulumeni banyuselwayo, abakumshi bada ngokushiywa enyanjeni. Baseloko besamkela into abaqala ngayo kudala—akuko kunyuselwa, akuko namadywibiba. Ngenifanelo isihlahlo nako nemfanelo zifuna zivelelwe kuba umsebenzi weliqela ulifuna liseloko liko enkundleni ye Mantyi ngalo lonke ixesha i ofisi ivulweyo.

INTANG'ENTSHA in-entwe-INTANG' ENTSHA ni zokupatwa kombuso KWMZOLAULO. kwicala labamhlope iyatembisa. Inomoya wobunene ongangandi kupatwa kwemi-

cimbi ngamameneme, esiwubukayo tina. Umzekelo obalulekileyo wokuzishiya indawo zenzuzo nezipakamileyo, becase ubugwenxa buka Sir James Siverwright kwesitatu sabapumayo abaye bengabalauli, ulandelele namhla ngum Mr. James Molteno. Lendodana iroxe kwisihlahlo sobu Picoti bendawo ezingabasebenzi, abetsala kuso ngapezu kweponi ezimbini ngemini, kuba engamkeli isenzo salo Rulumeni mtsha, ukongezelela kweloqela amadoda angaba disipile bace — o Messres. Douglass, Herholdt no Theron-ekubonakala ukuba ngokufika kwabo bayawuqala pantsi kwakona umsebenzi waye engayamkeli nendlela eyenziwe ngayo lonto. Ukuba ibiyilentanga ingewu asinto ibiya kuvumela ukuba ilaulwe yilengqondo ka Mr. Molteno. Sekuko umfifitino nie ibiya kufela ngokwe kalane esikumbeni.

UMFIKAZI U MRS. BOKWE.

Lentokazi isitele kwelipakade ngolwesi-Bini lwegqitileyo, kancinane emva kwexesha lika emva kwemini e Lovedale. Ubengumntu obenobulwewe besifuba ixesha elide, obute kule minyaka mibini ipelayo batatoba amandla angapezulu, ide Inkosi isipumze ngokusitabatela pambi Kwayo nje isicakazi Sayo.

UKUKHUZA.

Siluvela usizi olunentlungu usapo epume pakati kwalo lenzwakazi — noko ikokwexeshana kodwa ukwahlukana kwalo nayo. Kumyeni emshiyileyo asinamazvi singavakalisa imvelwano yetu naye efzekileyo, kwanakwintsapo engasakuba sambona endaweni yake yempilo yeli lizwe, abeyengwalise ngohlobo esingakolisi ukungcwabisa ngalo isihlahlo sobunikazimzi.

IMBASA.

Kungezi zizatu olufike usizi lwevu ngokumka kuka Mrs. Bokwe lufune ukuti luqite. Akungesake isizatu, kuba iye kuxama indyobo akade eyitulela ezulwini ngenkonzo zake ze Nkosi neyabantu apa; njengokuba atshilo naye ko Rev. R. Johnston naku Mr. Geddes nabanye abahlolo abaninzi abebemonga—ukuba u "Msinidi ungunalusi wake; waye emkokelela kwi kaya elimyoli elingapaya ukungcwaba." Kungoko esiti olusizi siluvakalisayo alungxeka yesake situ. Lungetuba lwaba-seleyo. Ngetuba lobengumyeni wake, obefike kuye wangumlinganekazi ofanelekileyo ngendlelanonke endwini; ngetuba labantwana bake, abangumina okugonda kuvelele zonke inkalo ngengqesho yabantwana entle ngezimini; kwanangetuba lomzi ontundu—kuba yintokazi ebisalatwa ingumzekelo wento afanele ukuba yiyo umnikazimzi wendodana ekanyiselweyo. Kuba ngokumazi kwetu u Mrs. Bokwe ixesha elide, siziva sinyanzelikele ukuti, kufa nobengangi angafa, ngento abeyiyo kulentili yobu bom.

NIENGMONKAZIMZI

ubeyintokazi ebekungeko nto ebngayaziyo yokwenza intlalo exolisayo kuye wonke opakati kwamasango ake ngokulungisa into zendlu; ekupekeni ubengumntu ozandla zishushu kungoko ku "hauzeka" nakwintonina ekututya; ekwazi ukulungiselela imbonakalo ngenyabo yesiqu sawakwake, nesake, neyabantwana. Umsebenzi ekutele — egqibelele ukuyazi eyase mlungwini imisebenzi kumasebe ayo onke; kanti neyutu enjenge yasekulineni — intonina ? — ubesima ngenyawo kakuhle kwinto yonke ngokwekati iposwe pezulu nangalupina uhlobo, elike kanti iyakuma ngenyawo. Enjalo nje lomntu mhle kubo bonke abantu. Asinaloyiko tina ukuti kumakade-cbona etu ubengenankosikazi u Mrs. Bokwe ipateleleyo kuye kuti bantsundu. Waye engumntu we Lizwi kakuhle. Lomntu le ngqesho ibukekayo inje uyifumene kwindlu ka Rev. Dr. Stewart ekungatiwa ukulele pakati kwayo, awangena kuyo akuba ebete wabamba kancinane kwi Sinaia yentombi e Lovedale. Ipume kolosapo ngokusike yendele ku Mr. John Knox Bokwe lonto kazi ka Nceni, isahlulwa naye kukufa nje namhla. Onjengaye ngati tina asisoza simbaqe. Nango umzekelo oxabiso lizintatekiyo zintokazi zase Africa! Xizamleni ngawo, naye niya kusikelwe ngabo bonke.

IZIMANGALO NGABA VOTI.

I ofisi zemantyi kwi ziqingata ezilandelayo, ngemihla eyalatiweyo, ngexesha le 10 kusasa, ziya kusingata imicimbi yaba Voti, ukuba bako abanga mkelwanga ngama Gosa abebala, kwezondawo. Kakade abantu abaya kunqwenelwa zimantyi bayakuba ngabete baziswa ngenCwadi kwangxeni" engapambili. Sihlomela iziqingata kwindawo ezinamawetu:—Grahamstown, 3 November; Alexandria, November 1; Herschel, 11 November; Humansdorp, 4 November; Albert, 3 November; Uitenhage, 4 November; Port Elizabeth, 8 November; Jansenville, 1 November; Somerset East, 30 October; Victoria East, 30 October; Aliwal North, 11 November; Kingwilliamstown, 8 November; Queenstown, 7 November; Fort Beaufort, 28 October; Albany, 3 November; Barkly East 6 November; Murraysburg, November 3; Peddie, 27 October; East London, 25 October; Barkly West, 27 October.

Abakangelwce ukuba babeko pambi ko Mantyi yase Qonce ngo November 8—Abavela kwisiqingata sika Mr. R. J. Crowe (Ward IV.) 3; kwesonyana ka Cabela (Ward X.), 34; kwesika Kirk e Blaney (Ward XL), 4; kwesika Mr. Dueschmann sase Qibra (Ward III), 3; kwesase Middlefield, 2; bebonke abamangalweyo: 48. Siyatamba ke ukuba impi yase Ncenera nenyeye yesika Cabela seyilungiselela ukumela imfaneko zayo.

IMFAZWE YAKWA MZILIKAZI.

Akukabiko nto ibalulekileyo ihlayo kweli, nakuba kuvakala ukuba kekawo idatyana elifudumeleyo nentlola, aiti owasema Ngesini kufe ukulu ngakuma Ndebele, ekungwelerwe u Capt. A. L. Campbell ngokwexayabamhlope, obhlo waquaka. Into enganelisayo kamnandi kwindaba zalemfazwe kukuba Ikomponi elaula ucingo iyazihlela indaba emaziqutywe ukwa kweli, ekungati ke ingabehle yaziwe yonke inene nengento ezonzekayo. Into enkulu kukuba kupitizela imikosi ukufunzela kwa Bulawayo. I Ruluneli isuke e Kapa ngo Mgqibelo ogqitileyo ukuya e Mafikeng ukusondela ebushushwini bendaba.

UKUNGCWABA E QONCE.

I Bodi Elaula ama Ngcwaba yase Qonce inezasizo esitembayo ukuba umzi ontundu wase Qonce uyakusiqwalasela ngomcimbi wamangcwaba. Kufumanekke ukuba umzi ontundu awuququluni amangcwaba abafileyo abawo, usuke wafumana wenza amalindi akangeleka kakubi, nangalati kuba amawetu anolobu ntundu ngakwabafileyo —ukuti indawo olupumle kuyo utuli lwabo bayicokisa. Amacebo abonwe yi Bbdi, adweliswe kwicala lezaziso, ukupelisa olutesho, siyatamba ukuba ayakuhlangatyezwa, ngomoya otumekelelayo ngamawetu, enjalonje alula ukufezwa. Banga abalesa lamanqaku bangavavakalisa banzi lawo macebo.

AMANANI EZINTO.

AMANANI EPULARA.—Ukuqatka e Qonce ukuya e Geuwa 2/, ku Ndadakazi 2/, e Ngqamkwe 2/, e Mbiza 2/, Centani 2/3, e Du.ywa 2/6, e Mtata 3/6, e Mount Frere 4/6, Qumb 4/, Tsomo 2/6, e Bini 1/6, Alice 1/3.

—0—
E MONTI.—Imalike : — Irasi 6/6 ne 7/ ngeku lu leptoni; Isemile 5/ ne 5/3 ngenxowa; Imbotyi (ezintshlope) 10/ ne 15/, ezityheli neixutyiweyo 7/ ne 9/ ngeku leptoni; Ibhotole (entsha) 2/ no 3/ ngeponi, enetyuwa 1/ ne 1/6 ngeponi; Amaqanda 9/ ne 1/ ngezadini; Inkuni 5/ ne 2/6 ngefara; Ihabile 4/6 ne 6/ ngeku lu; Uicigubo 10/ ne 13/9 ngeku leptoni; Umbona 6/ ne 7/ ngeku leptoni; Imapile 7/ ne 10/ ngeku leptoni; Amazimba 5/6 ne 6/ ngeku leptoni; Ingqolowa 9/ ne 11/ ngeku leptoni.

—0—
KIMBERLEY.—Imalike yangolwesi-Hlanu, 20 October : —Isemilo 6/9 ne 7/ ngenxowa; Irasi 12/ ne 12/6 ngenxowa; Imbotyi 32/ ne 34/6 ngenxowana yeswekile; Ikaful 15/ ne 18/6 ngebhali; Ihabile 9/ ne 10/ ngeku leptoni; Amazimba 15/ ne 17/ ngenxowa; Umbona utyeheli 14/ ne 16/, oxutyiweyo 14/6 ne 15/, omhlope 14/ ne 15/6 nge. ngxowa; Iswelwe 14/ ne 15/ ngenxowa; Imapile 12/ ne 21/ ngenxowa; Ingqolowa 19/ ne 21/ ngenxowa; Ibhotole 2/9 ne 3/ ngeponi; Amaqanda 1/ ne 1/3 ngezadini; Inkuku 2/5 ne 2/6 inye; Ikwakwini 7/ ne 12/6 inye; Ityuwa 3/ no 3/6 ngenxowa.— Impahla yeeclara itengiswe ngalamamani Inkabi zeukomo £8 ne £9; Amatole 35/; Ibagu 40/ ne 42/; Amatakane egusha 8/ ne 9/; ihamilo 14/ ne 15/; igusha ezingama afrikandile 12/ ne 13/6; Inkabi £5 10/ ne £7; Imazi ezisengwayo £5 ne £15.5a. hashe okukwela £10 ne £15, avokutaa £10 ne £15.

—0—
E CRADOCK.—(Imalike) : —Ibhotole 2/6 ne 3/ ngeponi; Irasi 9/ ne 9/6 nge 150 eponi; Isemile 5/ ne 7/ ngenxowa; Ikaful 3/ ne 3/9 ngeku leptoni; Amadada 2/ ne 2/6 liinye; Amaqanda 1/ ne 1/4 ngezadini; Inkuni 25/ ne 40/ ngefara; Iransisi 1/6 ne 2/4 inye; Amazimba 12/6 ne 13/6 ngama200 eponi; Umguboti 1/ ne 23/ ngenxowa; Um. bona 13/ ne 14/ ngenxowa; Imapile 6/ ne 8/ ngeku leptoni; Ikwakwini 4/ ne 10/ inye; Ingqolowa 16/ ne 18/6 ngeku leptoni.

—0—
E QONCE.—Imalike yango Mgqibelo, 21 October. Ibhotole 1/6 ne 3/10 ngeponi; Amaqanda 4d ne 9d ngezadini; Irasi chulhiza 2/4 ngeku leptoni; Amataqilo 6/8 ne 7/9 ngeku leptoni; Umbona 6/ ngeku leptoni; Inkuku 1/5 no 1/7 inye; Iorenj 2/9 ne 5/1 ngeku lu; Ilamuni 6d ne 1/ nge. kulu; Inartyisi 3/6 ne 5/8 ngeku lu; Amata. nga 1/9 ne 2/6 ngezadini; I-ertyisi 14/9 ngeku leptoni; Inkuti 7/ ne 47/ ngefara, — Impahla ehambayo itengiswe ngalamamani : I 42 yehamile ezechityiweyo 15/ inye Inkabi ezintatu £6 5/ inye, Inkabi ezine zokutsala £4 10/ inye; Amahashi amabini £17 ngobubini; Inkabi ezintandatu £8 15/ inye; Imazi zenkomo ezinamatole £13 inye; Imazi enye entole £8 12/6; Imazi ezintlanu ezinamatole £6 inye.

UBUDLWENGU.—Ikileli omhlope engu Robert Chalmers ipendula iyatalo likudlwengula umlunguzi ongu Mrs. Mc.Nab e Kapa,



Isaziso sase Cala.

KWAZISWA

UMZI OMELE I CALA

UKUBA Ivenkile ebhanjiswa ngu MR. JOHN WILSON, isezandleni ngoku zo

Wm. SAVAGE & SONS

Abazimisele ukuwuquba umsebenzi NGOHLOBO OLUPEZULU; kunjalo-nje IZAKWANDISWA KWINTO EBIIYO.

ISEBE LAMAQABA

LAHLUKILE KANYE KWELABE

SIKOLO.

Ityal, I Printi, Ingubo zokuvata—Yinto eninzi.

I-BLANKETE, * AMAFELANE, * AMABHAI NEZIBHALALA.

Sinegama elidumileyo kuyo yonko i Transkei nge Blankete zetu kwane Zibhalala.

IMPAHLA YOKUTSHATA:

Elisebe lipantsi kokulaula kuka Mr. BATTERSHILL wetu onamava amakulu ngeyona nto kanye ifunekayo kwabalungiselela Imitshato. Ngoko imicimbi epatiswe yena iyakwanelisa kanye.

INGUBO ZAMADODA:

Intlobo zonko zezitofu, ne Twidi, Ibhathi, Ibhulukwe—ngazwinye into yonke angayifunayo umntu.

W. SAVAGE & SONS

Isaziso Esibaleleyo!

Kumfundi Ngamnye we 'MVO?'

UKUBA ufuna ukutenga nayipina into kwezi zilandelayo, ukuba ufuna ukuzifumana tshipu, zilungile, zintle, zize zohlolo yiza ko

Chudleigh Bros.

Ivenkile edumileyo "YABO BONKE," E-KOMANI.

Batengisa impahla kwabantsundu ngokutshipu kunezinye ivenkile zeli lase Maxhoseni.

Ilokwe Zomtshato:

Isatini Emhlope 1s, 1s 6d, 2s, ne 2s 6d nge yadi.

Isatini enamagqabi yamabala onke imichako emihle nge 1s 6d iyadi exabiso liyi 2s 6d.

Ilokwe ze Printi i Patileni ezintle nge 4 1/2d, 6d, 6 1/2 d, 74d, 8d, ne 9d nge yard, imichako e 500 anokuziketela kuyo umntu.

Ezehlobo ityali ze Llama ezi Pink, Eziluhlaza, Ezibomvu, Nezimnyama, njalo, njalo, nge 4s 11d inye

Ilokwe ze Stuff 4d, 5d, 6d, 9d, ne 1s nge yard

I Merino enamabala nemnyama eziqiya zentloko zamabala onke 1s iyadi

Iqiya ze Silika emnyama 3s 6d inye Ishuzi ezomeleleyo zamankazana zentlobo zonke 4s 6d i pair

Ibhutsi ezomeleleyo zamankazana zentlobo zonke 5s i pair

Ezamadoda Izihlangu ze Blucher ne Lastiki zitshipu kakulu zomelele ziqalakiwi 5s 6d nge pair

Ezamadoda Isuti ziqala kwi 15s „Ibhulukwe „ 3s 11d „Ibhathi „ 4s 11d

Ezamadoda Isuti Zomtshato zizenziwa ngamaxabiso apantsi zisikwe ngokwanelisayo kanye.

Yonke impahla Nezihlangu itengiswa ngamaxabiso atotyweyo ngokubanzi. Xa niza e Komani ningalibali ukutyelela ko

CHUDLEIGH BROS.,

ISEBENZA NGOBUGQL.

I-RHEUMATICURO!

IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.

Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo. Isinqe, ingqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka.

Umenzi walo kupela ngu

J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

GREAT AFRICAN ORSMOND'S PREPARATIONS

THE GREAT AFRICAN

REMEDY

THE STANDARD DOMESTIC

MEDICINE

FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME

Vida Pamphlet.

THE GREAT AFRICAN

For Eczema, Eruptions, Sores, Syphilitic and Scrofulous

DISEASES

BLOOD

Unrivalled Tonic for FEMALES

Specific for Kidney and Urinary Disorders

PURIFIER

The GREATEST AFRICAN

GUARANTEED SPECIFIC

FOR

COLIC, DIARRHOEA, DYSENTRY AND

SUMMER BOWEL COMPLAINTS

ANTI-RELAX

THE GREAT AFRICAN

FRUIT PILLS

For Liver, Stomach and Bowels.

The Cure for

Piles and Constipation.

Are Mild and Effective.

GREAT AFRICAN

HERBAL OINTMENT.

For New and Old Bores, Skin Diseases, Piles, Rheumatism, Sprains, pains in Joints and Muscles, Inflammatory Swellings.

PREPARED BY G. F. COOK

A. J. Cross & Co

KING WILLIAMSTOWN

Esitsha Isaziso sika TIKOLOSHE

....

Kubaxhasi Abantsundu!

O. A. J. Cross & Co.

Banga bangazisa Abahlobo babo Abamnyama kuso sonke isi Qingata sase Qonce, e Ngqushwa, nakwezinye eziraulayo ukuba Base kwi Sitora Sabo Kwigumbi le Marike. Basaligcinile igama labo lokuba batengisa ngamaxabiso angapantsi kwawazo zonke ivenkile

APA E QONCE.

IPULUWA, ISALI, IHEMPE, IBHULUKWE, IBHATHI, INGUBO NEZAMANKAZANA.

Umgubo, Ikofu, Iti, Iswekila—ngazwinye Into yonke etyiwayo.

Basanika awona maxabiso nge NGQOLOWA, UMBONA, nezinye intlobo zokutya.

A. J. Cross & Co.

Abameli Micimbi

E. J. BRYNE

(ATTORNEY, ETC.)

UMTETELELI-Ematyaleni, Umbali Minqopiso yengqesho neyentengiso mihlabane. Ukwa yi .Arente ye Gresham Life Assurance Society. No. 33, Maclean Street, E-QONCE.

J. KUZANE,

(LAW-AGENT).

AMATYALA uwateta nakuyipina i Ofisi ya Pesheya kwe Nciba. Umteteleli Ematyaleni,

KU-TSOLO.

SAUERS & ORSMOND,

(ATTORNEYS TO THE SUPREME COURT)

Abalungiseleli * Ematyaleni * Amakulu.

ABABHALI BEMINQOPISO YASE MTETWENI, NABABI-MAFA, BANGABATETELI FANDESI, NABAXELI BAMANANI EZINTO BAMATYALA AMAKULU.

Amatyalala bawateta e

ALVANI, HERSCHEL, LADY GREY

NASE

BARKLY EAST.



EKA-POWELL INCINDI YE ANISEED

INKULUPOLISA UKOKHOKHO LWANO

ILIZWE LIPELA LILIYEZA ELIQONDWAYO LOKOKHOKHO. Ukutengwa kwalo okubanzi kulo lonke ilizwe kwalata ubuxabiso balo. 20, 000 ABENZI-MAYEZA ABALITENGISAYO.

Abo bangazanga ballinga, mabake ballingwe kwangoku.

EMABHOTWENI NASEMANOUGWALENI NGOKULINGANAYO, Eka-Powell Incindi ye Aniseed iyinkungqele ye YEZA LOKOKHOLELA elidala, Ukutengwa kwalo okubanzi kulo lonke elokukanya kuhlokomisa ukulunga kwalo. UKUKHOLELA KWANGOKUHLWA LIKUNCEDA KAMSINYANE. LIBEHLE LZICOMBULULE IZIKHOLELA. UKUKHOLELA KWANGOKUHLWA LIKUNCEDA KAMSINYANE. QWALASELANI UMFANEKISO ONGENTLA AMAPEPNI ELISONGELWE KUWO

Kangeleni amagama athi "Thomas Powell, Blackfriars Road, London," kwisiqu miselo sakwa Rulumeni.

Ningayamkeli Imilinganisano. Labako 1824, ABASEZIAMENI XA BAZE KUTENGA BANGALILIBALI ELYEZA LIDLALA LOKOKHOLELO.

UKOKHOLELENI.

EKA-POWELL INCINDI YE ANISIDI,

KWISIFUBA SOM'BEFU, NOMFULAWENJA,

UTENGISWA NGABENZI-BAMAYEZA NEVENKILE, KWELASE OSTRELIYA, ne NYUZILANI, ne KOLONI ZASE KAPA.

Ibhotile 1s. 1 1/2 d. ne 2s. 6d.

J. R. IRELAND,

Umaki Wezindlu Nomtati we Kontreki,

Umcweli Kumasebe Okocwela Onke.

MARKET STREET,

Kingwilliamstown.

UMENZI WEMPAHLA YEZIKOLO

YENTLOBO ZONKE.

I DESK EZINEZHILALO ZAZO, EZENZIWE KAKUHLE NANGENDLELA EMANGALISAYO NANGAPEZU

KWEZIVELA KWAMANYE AMAZWE, NAMAXABISO ANGANENO.

J. NEWING

Umwezi Wempahla,

(Ekoneni ye Maclean Square)

E QONCE.

UFUMANA IMPAHLA EZIPUMA NQO

KUBENZI BAZO.

Impahla ze Tweed Zamanene.

Impahla Zamadoda Zekodi neze Krikete.

Intlobo ezintle kunene ze Printi Nemichako ye Lokwe.

Impahla Yokwaka yentlobo zonke,


Ikofu ne Swekile, njalo-njalo.

Yonke into intsha, ilungile, itshipu—Yizani kubena

Imveliso yomhlaba itengwa nge Cash ngamanani apakamileyo e Malike.

6msfr181093

ANNOUNCEMENT:



Uboya! Uboya!

KATA!

SISANDULUKUFU-

MANA i odolo evela e Ngilani ukuba Sitenge bonke

UBOYA BE NETEVU.

Zisani uboya ke nibone ukuba asiroti a wona manani afanele yona.

W. O. CARTER & CO.,

MACLEAN SQUARE,

KING WILLIAMS TOWN.

Amayeza ka Cook Abantsundu

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangalise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxaza.

1/6 ibottle.

Elika

COOK Iyeza Lukokhohlela (Lingamafuta).

1/6 ibottle.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwewke.

9d. ibottle

Elika

COOK Iyeza Lepalo.

1/6 ibottle.

Ezika

COOK Iplisi

1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo.

6d. ngebottle.

Oka

COOK Umcima Westepu Sabantwana.

6d. ngebottle.

Oka

COOK Umqutyana Wamehlo.

6d. ngesiqunyana

Oka

COOK Umcima we Cesine. 8/6.

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Ngawenkohliso angenalo igamalake.

Owatengisayo e Mount Frere, kwa Baca, J. J. YATES, "Umatendela."

J. LAMONT.

NKATULA! NKATULA!

QUEENSTOWN.

UKUPELA kwevenkile e Komani apo amafama anokuzifumana zonke izinto azifunayo.

U

J. L.

Unga angacela amehlo ecelela imfumba anazo ze Tyali, Blankete, Izibhalala, Ingubo Zamadoda, Ihempe, Printi, Izihlangu, Isali, —ngazwinye yonke into enokulungazelelwa ngumzi ontsundu, in, umngxuma weqosha, ukutunga ngamaxabiso angazanga aviwe ngapambili e Queenstown.

—o—

Ukuze uyinakane nawe into esiyenzayo, elifezekileyo ikuba 75 Eagle litengiswa nge 30/; Imixokelelwana yokutsala, yenkabi 10, 10/. Iswekile elungileyo emtubi 30/ nge 100lbs; Ikofu 1/ ngeponti.

—o—

Kwakona unemfumba yengubo ezingonoxesha, zonke ngamaxabiso abaluleko ngobupantsi. Lilo eli ixesha labahlobo, betu bangapandle ukuba batenge.

—o—

IMVELISO.

Awona manani aphezulu anokufunyanwa ngo Boya, Izikumba, Imfele, ukudla, njalo njalo, njalo njalo.

—o—

J. LAMONT

IZAZISO ZAKOMKULU.



ZISHICILELWA 'NGE' GUNYA.

ISAZISO SAKOMKULU—No. 931, 1893.

Kwi Ofisi yo Mpatiswa Koloni,

E Kapa, 21 September, 1893.

IMISEBENZI YAMANTOMBAZANA.

YEZANDLA

1. Kususela kumhla wo 1 July, Umtungo mawufundiswe kuwo onke amantombazana esikula esifumana uncedo Komkulu, ube yenye yezinto ezifundiswayo yonke imihla, ufakwe kwipepa lokuqutywa komsebenziwe Sikula (Time Table).

2. Ngalendawo ke abapati be Zikula Zamantombazana bayakuba bayalungisa ukuba babone ukuba ngelixa likankanyileyo kubeko i Titshala enye kubapati besikolo enako ukufundisa lomsebenzi.

3. Amabanga aqinileyo nafanayo ekuqubeleni pambili komtungo kwi Ziqibi (Standards) zonke akasokuqale anyanzelwe, kodwa kulindlekele ukuba i Titshala ziyakuti ngako konke okunokwenzeka kwakamsinya. ne zenze amalanga okuwuquba umsebenzi ezikuleni zazo omnye emva komnye ngendlela engeniswe zititshala ezinamava.

4. Elicebo lilandelayo lilungiselelwe, se-lingenisiwe lalungiswa kwigqela elitile le zikula zale Koloni, lifanelwe kokuqwalaselwa. Linancedo kanjalo ngokuba lanekiwe lachazwa kwincwadana (text books) ezininzi nezitshipu, ezinokufunyanwa zititshala nabafundi.

ABANGAPANTSI KO STANDARD I.

Needle drill—Position drill. Strips (18 inches by 2 inches) nge hemming elula nge rali enamabala, ngoluhlobo lulandelayo, olu :—1. Emnyama; 2. Ebomvu; 3. Neluhlaza. I strip esilukiweyo (15 inches by 3 inches) ngerali noboya.

STANDARD I.

Umqokumbelo, Seaming, Nokusika, noku. ba yiyipina ingubo nantonina enoncedo, ebonakalisa izitishi, njengokuti mhlaimbi ipinifolo yomntwana, ingxowa yomqamelo, nokuba yihangutyefu.

2. Ukuluka. Inaliti ezimbini, okulula njengokuti, i strip nokuba yi

STANDARD II.

1. Imisebenzi yeziqibi ezingapambili ngobugeisa obungapezulwana, Nayipina ingubo nantonina enoncedo njengangasentla.

2. Ukuluka. Inaliti ezimbini, okulula ivatiswe ngomqokumbelo, njengokuti, izihlahla.

STANDARD III.

1. Imisebenzi yeziqibi ezingapambili, ukutitsha ingubo erabaxa, pleating, nokutunga i strings. Ingubo, ipinifolo, shift, nokuba yi apron. Izititshi ze Herringbone. Istitshi sibe pezu kwe canvas kupela nokuba yi flannel.

2. Ukudarnisha okulula pezu kwe canvas.

3. Ukuluka, Inaliti ezine, okulula nokuvatiswe ngomqokumbelo, njengokuti izihlahla.

STANDARD IV.

1. Imisebenzi yeziqibi ezingapambili, ukhlanganisa, setting in, umngxuma weqosha, ukutunga pezu kweqosha. Ingubo, ihempe yokulala elula, nehempu yokulala yabafazi, nokuba yi petticoat, nokuba yingubo nina ebonakalisa ezi zititshi.

2. Ukudarnisha, okulula (kwindawo eziceketekileyo), kwinto eyenziwe ngemisono eyenza ikausi.

3. Ukuluka, inaliti ezine, ikausi.

4. Herringbone, isiziba (esibubanzi buzi 3 inches) pezu kwe flannel erabaxa.

STANDARD V.

1. Imisebenzi yeziqibi ezingapambili, nokwenza i tuck. Ingubo ezinjengeze Standard IV.

2. Ukuluka, inaliti ezine, ikausi nokuba yikausi yamaledi, enembhombho nokuba yengenazo.

3. Ukudarnisha okulula esirobeni sento eyenziwe ngomsondo owenza ikausi.

4. Ukubeka isiziba naekeleko.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 934, 1893.

Kwi Ofisi yo Mpatiswa.Koloni, E Kapa, 21 September 1893.